

MASINCOKOLENI



Umdala uPeter Scholtz kunye noCeba u Rudolph Smith

Ibhajethi yowama-2012/13 ngoku ziindaba ezindala kodwa njengoko sonke sisazi iinzame zokuqoqosha yeyona nto ebiphambili. Oceba nabo abakhange bavalelwe ngaphandle eku-nikeni ezabo izimvo. Uceba uRudolph Smith noceba uPieter Scholtz bacinge indlela yoku-qoqosha ebekukuba basebenzise isithuthi esinye bahambe kunye. Kuye kwanyanzeleka ukuba balincame eli cebo njengoko ukuze afike ngexesha emsebenzini eHermanus uceba uSmith bekuza kufuneka avuke ngo-nyezi ngentsimbi yokuqala eFisherhaven aye kudlula ngoceba uScholtz eGansbaai!

TYHALA "ISIKOROKORO"

Ngubani ebesazi ukuba abantu abathile bayakuze nabo basikhwele ISIKOROKORO andisatsho ngokusithala (Isikorokoro ligama elisetyenziswa ezilokishini elixela imoto engakulungelanga ukubasendleleni) Ontanga Umongameli: Stephen Muller, Omkhulu kwezoyilo lwedolophu: Hanneen van der Stoep, Isekela sodolophu: Pieter Scholtz, Umphathi kwezoyilo lwedolophu: uRiaan Kuchar, Umongameli: Neville Michaels kunye nokwezonyanzeliso mthetho: uJohan du Toit babesendleleni esinga eKleinmond kwintlanganiselo xabefumana lengqaki yesithuthi salapha kwamasipala singafuni ukuhamba, kwakungekho nceba ngaphandle kokungcamla apha kwisiKOROKORO ukuze bahambe! Okokuba abangane bafika ngethuba kulomhlango wabo emveni kokulibaziseka phambi kokuqala oluhambo akokho owaziyo, kodwa bona bafika kungekho namnye umkrwelo.



ABAQASHIWEYO NABANYUSELWEYO

ABAQESHWE NGO-MEYI 2012

Mnu. A C Skots	Igosa lezeendlela
Gqr. R S Neethling	Umcebisi kwezomthetho
Mnu. F R Marais	Igosa logcino-mthetho
Mnu. G R Gillion	Igosa logcino-mthetho elisaqeqeshwayo

ABANYUSELWE NGO-MEYI 2012

Mnu. W C H Plaatjies	Umqhubi wetelelele: lipaki
----------------------	----------------------------

ABAQESHWE NGO-JUNI 2012

Mnu. Ayanda Stali	Umlawuli: Imidlalo nokuzonwabisa
Nks C J De Gruchy	UMabhalana oPhezulu: Uqokelelo

ABANYUSELWE NGO-JUNI 2012

Mnu. D R M Potgieter	Umlawuli: Ikontrakhi
Mnu. M A Mgoqi	Umsebenzisi weZiko eliNcinci: Izitalato namanzi emvula
Mnu. D F Makka	Umsebenzisi weZiko eliNcinci: Izitalato namanzi emvula
Mnu. B E Hoffman	ISuphavyiza / Umqhubi: Inkunkuma

ABATSHINTSHELE KWAKWINQANABA ELINYE NGO-JUNI 2012

Mnu. B R Malongwana	UMabhalana weNqanaba III
Nks N Mbiyake	UMabhalana oPhezulu

Masigcwalise itoti ye Cansa

I – Cansa Relay for Life yalonyaka sele idlule, kodwa masiqhubeke ngokuxhasa kwiphulolabo lenzame zokwenza imali.

Intwana nje, elandela imbono kaCeba u-Moira Opperman yokuba kubekhona itoti kwicandelo ngalinye apho imali ibuyayo enjenge (10c, 20c, R5) egcwalisa isipaji sakho ungayilahlela kuletoti. Masilenze ibeliqhaza leOverstrand lenzame zokuncedisa I Cansa. Masijonge yimalini esinokuyiqokelela ngalendlela ze ihlawulwe kwe CANSA Relay for life yonyaka ozayo. Itoti yethu ilindile, wena eyakho ????

ABAZALWA NGO JULAYI

IGAMA	UMHLA	ICANDELO	IDOLOPHU
Dodana, Thenbinkosi	1	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Maasdorp, Johan	1	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Hansen, Rudolph	1	Ezemibane	Hermanus
May, Wilma	1	Inkonzo zabaphathi	Hermanus
Potgieter, George	2	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Mado, Sia-Seth	3	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Miggel, Deon Hendry	3	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Nojubaalala, Nobetwana	4	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Solomons, Merle Louise	4	Inkonzo zabaphathi	Kleinmond
Prins, Abraham	4	Usodolophu	Hermanus
Makonz, Vusumzi	5	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Goosen, Daniel Susan	5	Ulawulo lwengingqi	Gansbaai
Barends, Wilfred	5	Inkonzo eziqhubekayo	Stanford
Maritz, Winston	6	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Kleynhans, Jaco	6	Ezemibane	Gansbaai
Dyonkile, Solomzi	6	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Mqini, Litha	7	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Joemat, Jakobus	7	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Hess, Elize-Elaine	8	Uplano ololisiseko	Hermanus
Bangeni, Zanebhunga	8	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Reyneke-Naude, Santie	8	Ezezimali	Hermanus
Memanie, Samuel	8	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Brikkels, Johannes	9	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Potgieter, Morne	9	Ezezimali	Hermanus
Plaatjies, Wilhelm	9	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Appelgrein, Philippus	9	Uceba	Hermanus
Pharo, Elroy	10	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Charles, John	10	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Nqozo, Xolisile	10	Ezemibane	Gansbaai
Rooi, Daniel	10	Inkonzo eziqhubekayo	Stanford
Bucchianeri, Lucinda	11	Inkonzo zabaphathi	Hermanus
August, Sophia	11	Ulawulo lwengingqi	Kleinmond
Gardiner, Dean	12	Inkonzo zobume bendawo	Hermanus
Botma, Lorraine	12	Ezezimali	Hermanus
Jongilanga, Xolani	12	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Ngova, Bruce	13	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Valentine, Heinrich	13	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Booyesen, Frederick	13	Inkonzo eziqhubekayo	Stanford
April, Jacobus	14	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Engelbrecht, Carloww	14	Ulwazi ngobugcisa	Hermanus
White, James	15	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond

IGAMA	UMHLA	ICANDELO	IDOLOPHU
Ndoko, Esewu	15	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Erasmus, Madelein	16	Uplano lwedolophu	Hermanus
Carolissen, Lisl	17	Inkonzo zokhuseleko	Hermanus
Olivier, Theo	17	Ulawulo lwengingqi	Hermanus
Ramosala, Khethana	17	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Forry, Samuel	17	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Arries, Oerson	17	Inkonzo eziqhubekayo	Stanford
Bruwer, Francois	18	Ezemibane	Kleinmond
Van Der Stoep, Hanneen	18	Uplano lwedolophu	Hermanus
Allen, Veronica	18	Ezezimali	Hermanus
Faltyn, Mzoli	19	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Sitemela, Eric	19	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Arrison, Desiree	19	Umpathi kamasipala	Hermanus
Aploon, Josef	20	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Abrahams, Jabes Emile	20	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Majavu, Lesley Mxolisi	21	Ezezindlu	Hermanus
Mantyi, Headman	21	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Arthur, Angelo	21	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Coetzee, Dudley	21	Uceba	Hermanus
September, Donovan	22	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Griffiths, Samuel	22	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Adams, Alcom	23	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Bala, Sophie	23	Ezezimali	Hermanus
Makeleni, Sicelo	24	Ezemibane	Hermanus
Dyonta, Andile	25	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Windvogel, Matthews	25	Ulawulo lwengingqi	Kleinmond
Ngqisha, Thozama	25	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Muller, Ernest	25	Inkonzo zabaphathi	Hermanus
Knoetze, Alida	25	Uplano lwedolophu	Gansbaai
Roelofse, Johann	25	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Hendricks, Charlton	25	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Ferreira, Petronella	25	Ulawulo lwengingqi	Stanford
Martin, Douglas	26	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Hansen, Godfrey	26	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Stevens, Moneen	26	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Phillips, Graeme	26	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Pieterse, Franklin	27	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Michaels, Neville	29	Umpathi kamasipala	Hermanus
Opperman, James	29	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Reichert, Dieter	31	Inkonzo zokhuseleko	Hermanus

IMINYAKA ENGAMASHUMI ASIBHOZO KWABANE

Kwintlanganiso ye-wadi amagosa amane kamasipala waseGansbaai afumene iziqinisekiso zenkonzo ende. Edibene aneminyaka engama-80 esebenzela umasipala.

Ingganga phakathi kwabo uRiaan Jacobs usebenze iminyaka engama-30. URiaan yiNtloko: liNkonzo zezeMililo noLawulo lweNtlekele obone ukudibana phakathi kwemibutho kule ndawo kule minyaka induleyo wema! nomnu. Kat Myburgh, umlawuli ophezulu kwi-ofisi yaseGansbaai. (Funda ngoRiaan kulo Lindixesha.)

Owesibini emva kukaRiaan nguGladwin Ndadambi osebenze iminyaka en-

gama-20. UGladwin waqala ngowe-1992 esebenza njengomsebenzi wajikelele kuMasipala waseGansbaai. Ngomhla wo-1 Matsi 2009 waqashwa njengomqhubi weli kwiNkonzo zoCoco. Ngaxalinye uGladwin uphumelele izifundo kwezokuba ngunogada nezokhuseleko emsebenzini.

Kuze abanye abasebenzi ababini emnye kubo esebenze iminyaka eli-15: uDinah Hope noBenjamin Kondokter. UDinah waqala ngowe-1997 eklinikhi eGansbaai waza watshintshelwa kwicandelo leZemali. UBenjamin waqala njengomsebenzi wajikelele waza wanyukela wayiOperator Gr 2 kwaye ngoku ngumqhubi womatshini wokungxala inkunkuma.

Ifoto nengxelo: Hardus Botha, weGansbaai Courant



Ngaphambili ukusuka ekhohlo, nguRiaan Jacobs (iminyaka engama-30) noGladwin Ndadambi (iminyaka engama-20) ngasemva, nguKat Myburgh, uDinah Hope (iminyaka eli-15), uceba Moira Opperman noBenjamin Kondokter (iminyaka eli-15)

IINDLELA ZO ZOKUVUZA ABASEBENZI NGENKONZO ENDE: INDLELA ENTSHA

UMasipala uyibona ibaluleke kakhulu inkonzo enikwa ngabasebenzi kuluntu. Kwintlanganiso yebhunga indlela endala yokukugqaphela oku ngokunika umsebenzi isiqinisekiso senkonzo ende ithatyathwe yindlela yokuvuza umsebenzi ngemali.

Ngokwale ndlela intsha umsebenzi ngaphezu kwelivhu yesiqhelo uza kufumana le livhu ilandelayo ngokwenkonzo yakhe ende ngezi ndlela zilandelayo:

- **Emva kweminyaka eli-10** lintsuku zomsebenzi ezili-10
- **Emva kweli-15** lintsuku zomsebenzi ezili-15
- **Emva kwengama-20** lintsuku zomsebenzi ezingama-20
- **Emva kwengama-25** lintsuku zomsebenzi ezingama-25
- **Emva kwengama-30** lintsuku zomsebenzi ezingama-30
- **Emva kwengama-35** lintsuku zomsebenzi ezingama-35
- **Emva kwengama-40** lintsuku zomsebenzi ezingama-40
- **Emva kwengama-45** lintsuku zomsebenzi ezingama-45

Le livhu iza kunikezelwa ngomhla le minyaka yenkonzo engaphazanyiswanga egqitywe ngawo. Kufuneka ithathwe kuloo nyaka inikezelwe ngawo kwaye inokutshintshwa ibe sisixa okanye iyonke ibe yimali.

Ukongeze koku kungasentla umsebenzi uza kufumana itshheki ye-14 ngokusebenza iminyaka engama-30, 35, 40 nama-45 engaphazanyiswanga.

Kodwa njengoko isiqhelo kunzima ukohlukana naso inkonzo ende iza kuthuba inikezelwe kwiintlanganiso zee-komiti zee-wadi nto leyo efanelekileyo kuba ezi komiti zimele uluntu apho aba

bantu basebenze iminyaka emininzi basebenza khona.

Ezinye iindaba ezinomdla ezisuka kwiSebe laBasebenzi zezi zilandelayo:

ISIBONELELO SOKUBA LILALELA

KwiBhunga loThethathethwano kwenziwe isivumelwano sokuba umsebenzi olilalela ngosuku angamele kuphangela ngalo unelungelo kwisibonelelo. Esi sibonelelo asiya kuchatshazelwa nanguw nawuphi na omnye umvuzo we-ova ngethuba lo msebenzi elilalela. Isibonelelo sokuba lilalela siza kulingana ne-15% yentlawulo yesiqhelo yeyure esekelwe kwindlela yokubala umvuzo onepenshini kwaye siya kuhlalulwa ngokuhambelana neeyure zokuba lilalela.

I-OVA

I-ova lilawulwa ngumthetho i-Bargaining Council Employment Act (BCEA icandelo 10). Kubo bonke abasebenzi i-ova liza kuhlalulelwa okanye kunikwe i-off ngaphandle kwabasebenzi abangabalawuli abaphezulu njengoko kucacisiwe kwi-BCEA nabasebenzi abamkela ngaphezulu komda obekiweyo ngokwesigqibo sexesha nexesha. Umsebenzi uya kuba nelungelo lokuhlalulwa ngokusebenza i-ova xa celwe nguMphathi kamasipala okanye ngulowo ungentla kwakhe ukuba aphanzele ngaphaya kweeyure zakhe zesiqhelo zokuphangela.

Ngokwecandelo 9 le-BCEA umsebenzi olilalela uza kuhlalulwa i-ova xa ebiziwe ukuba aye kusebenza nokuba umda uthini na.

Kubalulekile ukuba abasebenzi bayazi imithetho efana nalo nezifakelelo kuyo. Kungeso sizathu sizama kangangoko ukuba ingcaciso ifikelele kumntu wonke.

IBALI LIKA-RIAAN

Ifoto nengxelo: Hardus Botha, weGansbaai Courant



NguRiaan Jacobs, iNtloko: Ezemililo neeNtlekele, uhleli apha phantsi kwengwelo yakhe yemililo kwi-ofisi zakwaMasipala eGansbaai.

U-Adriaan Erasmus Jacobs, owaziwa njengoRiaan, iNtloko yaseOverstrand: iNkonzo zeMililo noLawulo lweeNtlekele yindoda enamava kakhulu kule ndawo.

U-Riaan wazalwa ngomhla wama-21 Meyi 1956 ePinelands eKapa. Ungomnye woonyana ababini bakaBernard (ongasekhoyo) noJohanna Jacobs. Imfundo yakhe yamabanga aphantsi uyifumene eGoodwood naseRobertson waphumelela imatrikhi ngowe-1973 kwisikolo semfundo ephakamileyo iDe Kuilen, eKuijsrivier. Emva koko uRiaan uphumelele iNational Diploma: Impilo yoLuntu eCape Technikon efunde izifundo ezifana nolawulo, ulawulo lwabasebenzi, ulawulo lweentlekele, uhlutelo-mililo, uncendo lokuqala nezinye emva koko.

Ngomhla wama-25 Epreli 1987 uRiaan watshata noDorethea eWellington. Balizwe ngeentombi ezimbini kulo mtshato baza baza kuhlala eGansbaai ngowe-1993. UDorethea ngumongikazi owaziwayo weklinikhi yaseGansbaai. Iintombi zabo uHanrie (23) noBerna (21) zombini ziyaziwa kule ndawo. U-Hanrie ungejiwe kwaye usebenzela ugqirha wamazinyo uCorrie Loubser, uBerna yena akakatsathi ungumazi wama-hashe kwiZiko leNdalo iGrootbos.

Umdla kaRiaan ekulweni nemililo waqala ngethuba lokuqeqeshwa kwakhe kumkhosi wamanzi woMzantsi Afrika ngeminyaka 1974/75 apho wafumana khona uqeqesho kwezamanzi nasekulweni imililo. Waqala ukusebenzela umasipala kwiminyaka engama-36 eyadlulayo ngowe-1976 ukuqala kwakhe esebenza kuMasipala eKapa. Apho wasebenza kwizikhundla ngezikhundla de yangowe-1982: uLawulo lwezakhiwo, igosa

lemipilo yokusingqongileyo negosa lolawulo lomthetho. Ukususela ngowe-1982 de ibe ngowe-1992 uRiaan usebenzele iBhunga laseCaledon / iBhunga leenkono zengingqi yeOverberg, apho wakhawuleza wanyuselwa waligosa eliphezulu lezemipilo yokusingqongileyo. Apha usebenze njengevolontiya eliligosa lezemililo wanguMlawuli: Uthutho lwenkunkuma neendawo zokuhlambela, nanjengoMlawuli weProjekthi kwezokwakha kwindawo yezeholide nezibonelelo zikawonke-wonke.

Ngomhla wo-1 Janyuwari 1993 utshintshelwe kuMasipala waseGansbaai / uMasipala weOverstrand apho waqala ukusebenza njengegosa eliphezulu lemipilo yokusingqongileyo ngowe-1994 wayiNtloko: ezeMpilo waza ngowe-1998 wayiNtloko: iNkonzo zoLuntu eziquka amacandelo afana neeNkonzo zeMpilo, ezoCimo-Mililo, uLawulo-zintlekele, uBonelelo ngezindlu, uGutyulo-lindle, iZibonelelo zikawonke-wonke nezaKhiwo, uLondolozondalo namaNgcawaba.

Ngowama-2002 w sokuba yiNtloko yase-Overstrand: EzoCimo-mililo. Ubalisa ukuba ngelo xesha iGansbaai neOverstrand zazingenazo iinkono zocimo-mililo. Ukuqala kwakhe ezi nkonzo wayemnye umsebenzi... inguye kuphela! Ngoku bali-13 abasebenzi abasisigxina babe ngama-70 abangamalalela kwingingqi yeOverstrand, babeneengwelo ezilithoba ezinkulu zokucima imililo, ezintathu kuzo zisebenza eGansbaai, ezintathu eHermanus ezintathu zibe seKleinmond, kukho neeveni ezincinci.

U-Riaan usanda kufumana isiqinisekiso senkonzo ende yeminyaka engama-30. (Funda kulo Lindixesha). "U-Riaan uhliswe enyuswa ngurhulumente ngenxa yeenzame zokuhlengahlengisa amanani abanezame. Ngokolwazi lwam bambalwa abantu abaphuma bengonzakalanga kwinto enjalo", utshilo umnu. Kat Myburgh xa ebenikezela isiqinisekiso.

Ngaphandle kumsebenzi awufundeleyo uRiaan ubenezinye izinto ezininzi anomdla kuzo kodwa uthi ezimbini ezezezona zibalulekileyo kunazo zonke kukufota nomsebenzi wamaplanga. Ulilungu leKlabhu yokufota yaseGansbaai kwaye ngokomgangatho weefoto zakhe ulifanele iwonga lokuba ungumfoti okwinqanaba eliphezulu.

IMINYAKA ENGAMA-40

Emva kokusebenza kumasipala iminyaka engama-40 engaphazamisekanga uPaul Adams, igosa elisebenza kwigumbi lolawulo, usabenza ngokutha qabavu. Waqala ukusebenza kuMasipala wase-Hermanus ngowe-1972 esebenza njengompeyinti, umsebenzi awenza iminyaka elishumi elinesibini phambi kokuba amkele amanye amathuba wasebenza wanyuka de wafikelela kwesi sikhundla segumbi lokulawula.

Abasebenzi abathembekileyo abafana noPaul banqabe kakhulu. Ungamchaza njengomnye kwabafana naye, osebenza kakhulu ummeli olungileyo kamasipala, ongalindeli mbuyekezo ngento ayenzela umasipala. Kodwa wayifumana imbuyekezo: "Ukuzinikezela nokusebenza kakhulu kuyahlawula ngamanye amaxesha", utsho uPaul.

Kuyo yonke le minyaka esebenzela umasipala akuzange kunikwe ngxelo ngaye yokuziphatha kakubi. Bekungelula kuba bekusoloko kufuneka eshiye usapho lwakhe aye kukhonza uluntu ebusuku, ngeempelaveki nangeeholide zikawonke-



Paul Adams

wonke esabela izikhalazo ephendula imibuzo yoluntu.

UPaul ucebisa bonke oogxa bakhe ukuba basoloko benyanisekile kwiziqu zabo nakubantu abakufuphi kubo. Yithande into oyenzayo usebenze i-100% kwinto oyinikwe ukuba uyenze - enye nenywe iza kulandela. Ukuba uyawuthanda umsebenzi wakho loo nto iya kukwenza uphile ubomi obude kuba ixesha elininzi ulichitha usenza into oyithandayo. "Umsebenzi wam asiyo-job nje koko yinto endiyithandayo. Ndingwenela ukubulela kuMasipala weOverstrand ngethuba elingumngalisio abandinike lona lokusebenza ndikhonze iminyaka emininzi kangaka", uPaul ugqibezele watsho.